



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
MEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha asi-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhooywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise IsiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 Yimini yokubhalwa kweemviwo. ✓ (1)
- 1.1.2 Asiyonyani, '...kuba kaloku utitshala akazi kubakho xa abantwana babhalayo.' ✓✓ (2)
- 1.1.3 Kukwenzela ukuba kungabikho mfundi wozelayo nodubeka ingqondo. ✓ (1)
- 1.1.4 Sinxulumana ngokuba ukuze abafundi baziphumelele iimviwo zabo kufuneka bacele uncedo kuThixo. ✓✓ (2)
- 1.1.5 Yahlabela ngelizwi elimyoli intombazana ✓✓/ yahlabela ngelizwi elimnandi intombazana. ✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 1.1.6 Kukwenzela ukuba kungabikho mfundi unethuba lokulifumana ngaphambi kokuba alibhale ✓✓/ kwenzelwa ukuba bangakopi ✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 1.1.7 '... wayiqhaqha imvulophu yemibuzo ...' ✓ (1)
- 1.1.8 Kukukopa ✓/ Kukungena neencwadi kwigumbi loviwo ✓/
Kukungena neegqiza kwigumbi loviwo ✓/ Kukubhala iimpendulo emathangeni. ✓
(Naziphi na iimpendulo ezimbini ezichanekileyo) (2)
- 1.1.9 Azimakhi, kuba uphela engenalwazi ngale nto ibuzwayo. ✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.10 B. Wayenomdla kulo ✓/ B ✓/ wayenomdla kulo ✓ (1)
- 1.1.11 Sayixhwitha iintsiba intaka, sayosa. ✓/ Unomsa akakwazanga ukuya kwisikolo semfundo ephakamileyo, kuba abazali bakhe abanazo iintsiba. ✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 1.1.12 Zazixakeke kwiphepha lemibuzo ✓ (1)
- 1.1.13 Uthetha ukuba alinzimanga ✓✓/ belibhaleka ✓✓/ abafundi banakho ukuliphumelela ✓✓/ belilula ✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)

- 1.1.14 Ubuncinane ngokomyinge. ✓ (1)
- 1.1.15 Zithi zibancede ukumelana neemeko abahlangana nazo kwixa elizayo. ✓✓/ Zibenza abantu abaphucukileyo xa bethe bazilandela. ✓✓
- (Nayiphi na impendulo eza nomfundi ebonakalisa ukwakheka) (2)

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Abafundi bathweswa izidanga. ✓/ Abafundi babhiyozela ukuphumelela iimviwo zabo. ✓/ Abafundi banikwa izatifiketi. ✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.2.2 Bonwabile ✓, kuba bancumile ✓/ bayavuya ✓ baveze amazinyo. ✓
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 1.2.3 Zifana ngokuba zozibini ezi zicatshulwa zithetha ngabafundi ✓
- Zahluke ngokuba kwisicatshulwa A kuthethwa ngabafundi ababhala iimviwo, kanti kwisicatshulwa B baphumelele iimviwo zabo ✓ (2)
- 1.2.4 Ndingwenela ukuba ngabafundi abakwisicatshulwa B, kuba kuba mnandi xa sele uphumelele. ✓✓/ Ndingwenela ukuba ngabafundi abakwisicatshulwa A, kuba kuba mnandi ukuzuza into oyisebenzeleyo. ✓✓
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO**

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
 - 6-7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
 - 1-5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

QAPHELA

- **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- ❖ **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
 - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

	UCAPHULO		IINGONGOMA
1.	Kufanelekile kaloku ukuba kube lixhaphetshu, kuxakekwe kwezemfundo kuba alikho ilifa elibaluleke njengemfundo. Eli lifa alikhethe bani, libathatha ngokufanayo.	1.	Kuyinto efanelekileyo ukuba kuxakekwe kwezemfundo kuba imfundo lilifa elibalulekileyo, elingenamkhethe. ✓
2.	Wakukhangela ezikolweni zabantwana abancinane, ufika kuxakekiwe ngabazali kude kuhambe unyaka kufunelwa abantwana izikolo.	2.	Wakujonga kwizikolo zoonomngqushwana wofika abazali becelela abantwana babo izikolo. ✓
3.	Kwizikolo eziphakamileyo kuzele qhu, amagumbi okufundela ami ngeembambo. Wofumanisa ukuba kubuya nabo babesishiye ngopewula isikolo ...	3.	Izikolo zemfundo ephakamileyo zizele ngabafundi, kude kubuya nababesishiye kudala isikolo. ✓
4.	Andisathethi ngemeko yasezikholejini nasemayunivesithi apho kude kusweleke neendawo zokuhlala nezokufundela ngenxa yobuninzi babantu abanxanelwe imfundo.	4.	Kumaziko emfundo enomsila indawo yokufunda nokuhlala inqongophele ngenxa yamanani aphezulu. ✓
5.	Avela ngokuvela amaziko emfundo yabucala. Kukho leyo ibizwa ngokuba yeyabadala eqala kumabanga aseprayimari ukuya kweleshumi ...	5.	Kuvela amaziko emfundo yabucala ukuzama ukufundisa abantu izakhono abazidingayo. ✓
6.	Ungajonga kuzo zonke iindidi zabantu ezikwimisebenzi ngemisebenzi, uya kufumanisa into yokuba bonke baxakekile bazamana nemfundo engcono kunaleyo babefudula benayo.	6.	Uninzi lwabantu abasemisebenzini bamaxhaphetshu bazama ukuphucula leyo imfundo sele benayo. ✓
7.	Akukho nto ingenaziphumo zihle nezibi. Sele sizibona ezihle kwabo bathe baphumelela kumalinge abo. Zikho nezibi iziphumo zokumonelana.	7.	Imfundo ineziphumo ezihle nezibi, kuba abanye bayaphumelela kwiinzame zabo kuphinde kuvele nokumonelana. ✓

UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Kuyinto efanelekileyo ukuba kuxakekwe kwezemfundo, kuba imfundo lilifa elibalulekileyo, elingenamkhethe. Wakujonga kwizikolo zoonomngqushwana wofika abazali becelela abantwana babo izikolo. Izikolo zemfundo ephakamileyo zizele ngabafundi, kude kubuya nababesiyeke kudala isikolo. Kumaziko emfundo enomsila indawo yokufunda nokuhlala inqongophele ngenxa yamanani aphezulu. Kuvela amaziko emfundo yabucala ukuzama ukufundisa abantu izakhono abazidingayo. Uninzi lwabantu abasemisebenzini bamaxhaphetshu bazama ukuphucula lo mfundo sele benayo. Imfundo ineziphumo ezihle nezibi, kuba abanye bayaphumelela kwiinzame zabo kuphinde kuvele nokumonelana.

(70)

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UKUMAKISHA ICANDELO C**

- Upelo
 - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
 - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
 - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

■

UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 Ligama lesi sikolo sibhengezwayo. ✓ (1)
- 3.2 Kugxininiswa ukuba sisikolo samakhwenkwe. ✓✓ (2)
- 3.3 'SIGUQULA AMAKHWENKWE ABE NGAMADODA!!!' ✓ (1)
- 3.4 'Zuza ikamva eliqaqambileyo neziphumo ezikumgangatho ophezulu' ✓/
Ingaba ufuna ukuba ngumdlali wodumo? ✓
- (Nayiphi na kwezi) ✓ (1)
- 3.5 Linene. ✓ (1)
- 3.6 Nxibelelana ✓/ Dibana ✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.7 C.Kubafundi abangamakhwenkwe ✓/ C ✓/ Kubafundi abangamakhwenkwe ✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.8 **Ewe**, kuba kulapho aza kugqama khona engaphazanyiswa ngamantombazana. ✓✓
Hayi, kuba uMgaqo-siseko awuluvumeli ucalucalulo ngokwesini. ✓✓
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

- 4.1 Sisincoko. ✓ (1)
- 4.2 Mna ✓ (1)
- 4.3 Akanalo, kuba umthetho olawula izikolo awukuvumeli ukubethwa kwabantwana ✓✓/ Akanalo, kuba uMgaqo-siseko weli awukuvumeli ukubethwa kwabantwana. ✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.4 Ukungabi nasimilo ✓, akafanelanga ukuthi 'lo' xa ebhekisa kutitshala.'✓ (2)
- 4.5 UTinini uthi ngelishwa **akanaye**✓ **yena**✓ uGawulayo. (2)
- 4.6 Ayilunganga, kuba akunyanzelekanga ukuba umntu ichaphazele yena ngqo into ukuze abe nolwazi ngayo. ✓✓/ Ayilunganga, kuba uvakala ngokungathi uyamgwexa utitshalakazi.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- [10]**

UMBUZO 5: ISICATSHULWA

- 5.1 Ephangaleleyo ✓ (1)
- 5.2 Phambi kwesibizo ✓/ Likhokele isibizo ✓/ Landulela isibizo ✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.3 B ✓/ B. Isikhomokazi ✓/ Isikhomokazi ✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.4 Kukuphambana ngeenyawo.✓✓ (2)
- 5.5 Isalathandawo ✓/ Isihlomelo sendawo ✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.6 Umgangatho wenziwa ngesiduli esigutyiweyo.✓ (1)
- 5.7 YayingamaKrestu ambalwa awayenxiba iimpahla zakwamLungu. ✓ (1)
- 5.8
- | | |
|----------------------|------------------------------|
| Igatyela eliyintloko | Umsi wawuphuma eluphahleni ✓ |
| Igatyela lobalulo | Osuka eziko ✓ |
- (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70